URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Patience Funani**
ICandelo loLawulo lwezaBasebenzi ngoBuchule
Patience.Funani@westerncape.gov.za | 021 467 2243

Inombolo yefayili.: 3/3/3/3/2
Isalathiso: 20220610-3060

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwezaBasebenzi ngoBuchule: 0006/2022

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe kwiiNqununu nakubo bonke abasebenzi benkonzo karhulumente

**Isihloko: Ukuhanjiswa koMgaqo wokuZiphatha (*Code of Conduct*) neMimiselo yeNkonzo kaRhulumente (*Public Service Regulations*)**

1. UMgaqo wokuZiphatha (*Code of Conduct )* kwinkonzo karhulumente, njengoko upapashwe kwiSahluko sesi-2 seMimiselo yeNkonzo kaRhulumente(*Public Service Regulations),* ka-2016, epapashwe *kwiGazethi kaRhulumente* No 40167 yowe-29 Julayi 2016, yimanyuwali karhulumente echaza imigaqo, imfundiso ezisisiseko, iinjongo, iinqobo nombono karhulumente. Umgaqo wokuziphatha unika abasebenzi inkcazo ecacileyo yendlela yokuziphatha elindelekileyo kwakunye nokuba zintoni na ezinokuthathwa okanye ezingenakuthathwa njengezenzo ezilungileyo ngurhulumente.

2. Lo mgaqo yeyona ntsika ibalulekileyo ekusekeni ulawulo olululo kunye nokuziphatha ngokufanelekileyo kwabasebenzi bakarhulumente. Ukwaphakamisa imiba efana nokuhlonelwa kwamalungelo oluntu, ulawulo lomthetho, ukuphendula ngokuqhubekayo, ukwenza izinto elubala kurhulumente, ukuziphatha komntu nemiba yokuchaphalezeka kwakhe kwezemali.

3. UMgaqo wokuZiphatha usebenza njengesikhokelo kubasebenzi malunga noko kulindelekileyo kubo ngokumalunga neenqobo zokuziphatha, kwindlela yokuziphatha komntu ngamnye nakubudlelwane babo nabanye. Ukuthotyelwa koMgaqo wokuZiphatha kuphucula izakhono zobungcali bokwenza umsebenzi yaye kunceda ukubethelela ukuzithemba kwinkonzo karhulumente.

4. Eyona njongo iphambili yoMgaqo wokuZiphatha kukukhuthaza indlela yokuziphatha engumzekelo. Nangona kunjalo, umsebenzi uya kuba netyala lokuziphatha kakubi ngokwecandelo 20(t) loMthetho weNkonzo kaRhulumente, ka-1994 (iSibhengezo 103 sika-1994), yaye unokohlwaywa ngokwamacandelo afanelekileyo oMthetho ukuba waphula okanye uyasilela ukuthobela nawuphi na umqathango woMgaqo wokuZiphatha.

5. Incwadana emalunga noMgaqo wokuZiphatha idla ngokunikwa abaqeshwa ngethuba loqeqesho lwabo lokwaziswa umsebenzi wenkonzo karhulumente yaye kufuneka ifundwe neMimiselo yeNkonzo kaRhulumente, 2016.

6. ICandelo loLawulo lwezaBasebenzi ngoBuchule, njengomgcini woqeqesho lokwaziswa umsebenzi, lizimisele ukuhambisa uMgaqo wokuZiphatha neMimiselo yeNkonzo kaRhulumente, 2016, kubaqeshwa beSebe leMfundo leNtshona Koloni kusetyenziswa iRejistri.

7. Kunyanzelekile ukuba bonke abaqeshwa beSebe iWCED babe nolwazi ngokubhalwe kuMgaqo wokuZiphatha nakwiMimiselo yeNkonzo kaRhulumente, 2016.

8. Kucelwa abaphathi bazise okubhalwe kule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi ukuze bakuthathele ingqalelo.

9. Iya kuthakazelelwa kakhulu intsebenziswano yenu.

**ISAYINWE:** NGU-LJ ELY

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO**

**UMHLA:** 2022-06-22